



NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATION
NOVEMBER 2019

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I
ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I**

MARKING GUIDELINES

Ixesha: 2½ liyure

Amanqaku: 100

These marking guidelines are prepared for use by examiners and sub-examiners, all of whom are required to attend a standardisation meeting to ensure that the guidelines are consistently interpreted and applied in the marking of candidates' scripts.

The IEB will not enter into any discussions or correspondence about any marking guidelines. It is acknowledged that there may be different views about some matters of emphasis or detail in the guidelines. It is also recognised that, without the benefit of attendance at a standardisation meeting, there may be different interpretations of the application of the marking guidelines.

ICANDELO A ISICATSHULWA

UMBUZO 1

1.1 UKHENKETHO NENKCUBEKO EMZANTSI AFRIKA

- 1.1.1 (a) Umbhali ucebisa ukuba umntu ahambele iindawo ezahlukeneyo zoMzantsi Afrika.
- (b) Umntu uyakothuswa zizixeko namaphandle.
- 1.1.2 (a) Umntu usenokunyuka intaba okanye aqubhe.
- (b) Umbhali uthi amanzi aseKapa abanda kakhulu.
- 1.1.3 (a) Umntu uziva ngathi usedolophini eselunxwemeni eMelika okanye e-*Australia*.
- (b) Zizakhiwo akhonza kuzo amaSilamsi.
- (c) Uba sekuqaleni konyaka.
- 1.1.4 (a) Yintlambo i*Franschoek*.
- (b) Kulinywa umdiliya.
- 1.1.5 (a) Ngoorontawuli.
- (b) Ezi zindlu zakhiwe ezindulini.
- (c) Yenza umntu azive ngathi ukwenye indawo e-Afrika.

1.2 UKUHLALA USEMPILWENI

- 1.2.1 (a) Kufuneka umntu atye ukutya okunezakha-mzimba enze nemithambo.
- (b) Imnceda ekubeni abonakale emhle ngalo lonke ixesha.
- 1.2.2 (a) Iproteni ikhulisa umzimba.
- (b) Ube namandla.
- (c) Iivithamini kunye nefayibha zinceda amathumbu ukuba asebenze kakuhle.

- 1.2.3 (i) Imithambo yenza intliziyo isebenze ngaphezu kokuba iqhele ukusebenza.
- (ii) Yenza ukuba izihlunu zomzimba zomelele.

1.3 **UBUHLOBO**

- 1.3.1 Isifundo ebekufundwa ngaso sithi, 'ukukhetha umhlobo.'
- 1.3.2 Wamkhetha ngokumthanda nangokumthemba.
- 1.3.3 Kukuba ukhuthela./kukuba unenyani./kukuba uyamxelela xa engenzi kakuhle. [Nayiphi na kwezi.]
- 1.3.4 Utitshala uthi umhlobo olungileyo uthanda imfundo noThixo.

ICANDELO B

UMBUZO 2 USHWANKATHELO/ISISHWANKATHELO

AMANQAKU AYA KWABIWA NGOLU HLOBO: IRUBHRIKI

Kulindeleke ukuba umfundi anyathele kwezi ngongoma zilandelayo:

- Abantu banawo amalungelo kodwa kukho iimfanelo/izinto ekufuneka azenze phambi kokuxhamla ilungelo elo.
- Abantwana banamalungelo lemfundo esemgangathweni, banelungelo lokunyangwa xa begula banalo nelungelo lokuhlala ngokonwaba kwikhaya labo. Kuyimfuneko ukuba abantwana bazihlonophe iititshala, bayiphathe ngobunono impilo yabo futhi bawacoce amakhaya abo.
- Kubalulekile ukuba umntu enze njengoko anqwenela ukuba kwenziwe kuye.
- Izilwanyana nazo zinelungelo lokuphathwa kakuhle kuba ubomi bubomi nokuba bobesilwanyana okanye bobomntu.
- Umahluko phakathi kwabantu nezilwanyana kukuba izilwanyana azinalo ilungelo lokuvota.

UKWABIWA KWAMANQAKU:

IINGONGOMA	AMANQAKU
Umfundi obhale iingongoma ezintlanu	8
Umfundi obhale iingongoma ezine okanye ezintathu	6
Umfundi obhale iingongoma ezimbini	2
Umfundi obhale iingongoma enye	1
Umfundi obhale iingongoma njengoko zibhaliwe	2
Ukusetyenziswa kolwimi olungenaziphene	2
Ukusetyenziswa kolwimi oluneempazamo kodwa kuvakala okubhaliweyo	1
Ukusetyenziswa kolwimi oluneempazamo de kungavakali okubhaliweyo	0

ICANDELO C

UMBUZO 3 IMIBONGO

UMBONGO ONGAFUNDISWANGA/ONGAMISELWANGA

3.1 IKRISIMESI

- 3.1.1 (a) Kwakuzalwa umsindisi.
(b) Wazalelwa kwisitali samahashe.
(c) Izazi zakhokelwa yinkwenkwezi.
- 3.1.2 (a) Eli lithuba lokubhiyoza/lokonwaba.
(b) Kutyiw' izimuncumuncu.
- 3.1.3 Imbongi ithi eli thuba lifuna imali eninzi ngoko abantu mabayiqokelele kwangoko enyakeni ukuze bakwazi ukuzifezekisa izidingo zeli xesha. (Bavumelekile abafundi ukuba bashwankathele ngolwabo uhlobo, koko mabahlale emxholweni.)
- 3.1.4 (a) (ii) abubukhazi-khazi
(b) Abantu balangazelela/banqwenela uxolo
(c) (iii) Kukutya okumnandi

IMIBONGO EFUNDISIWEYO

3.2 AMEHLO

- 3.2.1 (a) Isikweko okanye isimntwiso
(b) Yinto yokuba amehlo acocekile okanye amehlo ngamahomba/mahle.
- 3.2.2 (a) 'Zinonotshelwa ngononophelo olukhulu Ziyacocwa zinyamekelwe ngenyamek'enkulu'.
(b) Imbongi isebenzise imvano-siqalo.
- 3.2.3 Imbongi ibhidwa yinto yokuba ithi isamile, suka amehlo akhawuleze ukuya kufika esibhakabhakeni yona ingekafiki.

- 3.2.4 (a) 'Ngoosebekho'.
(b) Amehlo abakho kwizisusa emigidini, okanye kufiwe, okanye konwatyiwe. (Impendulo mayibe **nye**).
- 3.2.5 (a) Amehlo abaluleke ngokuba alukhanyiso lomzimba.
(b) Ngumbuzo-buciko.

3.3 **INDLAL' INAMANYALA**

- 3.3.1 Kusenokwenzeka ukuba umthetho uphikisana nento yokuba ubani abe nebhongo neqhayiya ngobuyena/azingce ngemvelaphi yakhe.
- 3.3.2 (a) Naye ke umfo wasemaXhoseni/umntu omnyama.
(b) Walishiya elakowabo/ waya eGoli.
- 3.3.3 (a) Uzithiye igama elithi Billy Matthews.
(b) (ii) sisiXhosa.
- 3.3.4 Uye wonwaba ekhumsha okanye ethetha isiNgesi ehamba ngeemoto zasemsebenzini walibala ngekhaya lakhe.
- 3.3.5 'Ugalelekil' unin' uqhiya – nkulu/'Eqhumis' umbheka – phesheya/'Efunx' uzalipholile.' (Impendulo mayibe nye.)
- 3.3.6 'Ingxubakaxaka.'

ICANDELO D

UMBUZO 4

- 4.1 Ndifundela ukupasa.
- 4.2 Isonka sibhakwa ngumama.

UMBUZO 5

- 5.1 Izityebi **ziya kuthenga** izindlu eziduru.
- 5.2 Izityebi zithenge izindlu eziduru

UMBUZO 6

- 6.1 Iminyango : **umnyango**
- 6.2 Amazinyo : **izinyo**
- 6.3 Zizinja : **yinja**

UMBUZO 7

- 7.1 Ndifunda imini nobusuku **kuba** ndifuna ukupasa.
- 7.2 Iititshala ziyawenza umsebenzi wazo **kodwa** abafundi abasebenzisani nabo.

UMBUZO 8

- 8.1 Naba abafundi **abangamameliyo**.
- 8.2 Umgca **awukho** mde/Umgca **awumdanga**.

UMBUZO 9

- 9.1 Le nto ivakele **ekuhambeni** kwakhe.
- 9.2 Esi sifo sivele **ekutyeni** kwakhe inyama kakhulu.

UMBUZO 10

- 10.1 Uzitshana
- 10.2 Indlwana

UMBUZO 11

- 11.1 Ingca **eluhlaza** ityiwa ziinkomo.
- 11.2 Umntu **omdala** uyahlonitshwa.
- 11.3 La manzi **amdaka** achithwe ngubani?

UMBUZO 12

- 12.1 Unxibe ihempe ebomvu **krwe**.
- 12.2 Obu busuku bumnyama **thsu**.

UMBUZO 13

- 13.1 **Kutheni** ubuye kade?
- 13.2 Uqale **nini** ukuwenza umsebenzi wakho wesikolo?

UMBUZO 14

- 14.1 Yizani apha **nina** ndifuna ukunithuma.
- 14.2 **Lonke** ilizwe lifa yimbalela.

UMBUZO 15

- 15.1 Utata unxibe ibhulukhwe **ende**.
- 15.2 Usisi uza kutshata ngelokhwe **emhlophe**.

UMBUZO 16

- 16.1 Apha kubhengezwa umjuxuzo.
- 16.2 Lo mjuxuzo uza kubanjelwa kwiholo laseKirshna.
- 16.3 Amatikiti afumaneka e*Computicket*.
- 16.4 Lo mjuxuzo uza kuqala ngentsimbi yesixhenxe okanye 19h00.

Ewonke amanqaku: 100